



## basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

### GEC PILOT STUDY MARKING GUIDELINE 2023 ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE GRADE 9

#### Umbuzo 1

- *Inqaku elinye kwimpendulo nganye.*
- *Alikho inqaku elisisiqingatha.*

Inombolo	Impendulo elindelekileyo		
1.1	C	Zibachithisa isithukuthezi	✓
1.2	B	William Higinbotham.	✓
1.3	A	Kuthetha ukuba zibalekisa umzimba.	✓
1.4	C	Ngabantwana abangabادلالي.	✓
1.5	C	Iinzululwazi azikho malunga neemfazwe kunye nokutshatyalaliswa kwehlabathi.	✓
1.6	B	Ezi vidiyo zenziwe ngobuchwepheshe bobuxhakaxhaka zibonakale zinobunyani xa bezidlala	✓
1.7	C	Ziziphumo ezingathethekiyo eziyinxalenye yale midlalo.	✓
1.8	D	Kukuzicebula kubahlobo babo kunye nabantakwabo.	✓
1.9	A	Ukuquqa ubuyelela.	✓
1.10	C	Le mveliso yanda ngesantya esiphezulu, kwaye iyakhawuleza.	✓
1.11	C	Zibangele iingxoxo ezinzima neziphumo ezingaginyisi mathe.	✓
1.12	A	Yinyani kuba ubalikhoboka lazo zonakalisa ingqondo kwaye ziyakulawula.	✓
1.13	C	Iividiyo zisebenzisa ii-elektroniksi nengqondo, imidlalo ngumzimba namandla.	✓
1.14	A	Izinto ezingavami ukohlukana.	✓
1.15	D	Imvakalelo yocalu-calulo ngokwesini ngale midlalo	✓

Inombolo	Impendulo elindelekileyo		
1.16	A	Kukuxhobisa abazali bathathe ingqalelo ngabantwana babo abadlala le midlalo yeevidiyo kuba zinobungozi.	✓
1.17	B	Zisebenze njengophawu locaphulo.	✓
1.18	C	Ubonisa ukuba le nto asoloko eyidlala ayithandeki	✓
1.19	D	ukhathazekile	✓
1.20	D	Kubathengi, abazali kunye nabadlali	✓
1.21	A	Lulwimi olulumkisayo	✓
1.22	A	Mabaqonde ukuba le midlalo ineziphumo ezibi nezihle	✓
1.23	B	lihle kakhulu	✓
1.24	C	Ukungabinanyani kwabazali bayakhala zezividiyo kodwa bayazithenga.	✓
1.25	D	Ucebisa abazali ukuba babaze amehlo abo ebantwaneni malunga nezividiyo.	✓
			<b>25</b>

### Umbuzo 2. Okubonwayo

**QAPHELA: Umbuzo 2.1 no 2.2 mazirekhodwe kunye njengenxalenye yoMbuza 2: OKUBONWAYO 15 amanqaku.**

2.1: Isibhengezo-ntegiso

- *Inqaku elinye kwimpendulo nganye.*
- *Alikho inqaku elisisiqingatha.*

Inombolo	Impendulo elindelekileyo		
2.1.1	D	YiJoy pad	✓
2.1.2	A	Sijoliswe kubantu abathanda imidlalo yeevidiyo.	✓
2.1.3	C	Kukuloba abathengi	✓
2.1.4	D	Uthenjiswa ukuba xa uthe wakhawuleza wafika kubantu bokuqala uza kuyifumana ngamaxabiso aphantsi	✓
2.1.5	B	Wokuba umntu azithengele iJoy pad yakwaSony ekudidi eliphezulu	✓

2.2: Ikhathuni

Inani	Impendulo elindelekileyo	Ingcaciso	Amanqaku
2.2.1	Basezindaweni zabo ezohlukeneyo zokuphangela. ✓	Nika 1 inqaku ngempendulo.	1
2.2.2	Bakhalazela indlela abantu abathetha ngayo bebaxhaphaza kumaqonga onxibelelwano. ✓ <b>OKANYE</b> Bakhalazela ukungananzwa kweemvakalelo zabo ngabantu abasebenzisa amaqonga onxibelelwano. ✓	Yamkela nayiphi impendulo echanekileyo.	1
2.2.3	Ukhathazekile kukungathathelwa kwakhe ingqalelo ngokwenkangeleko yesimo akuso ✓ <b>OKANYE</b> Uthetha phandle ngendlela avakalelwa ngayo.	Yamkela nayiphi impendulo echanekileyo.	1
2.2.4	Umfanekiso womntu ozotywe wangagqibeleli kodwa oneempawu zomntu. ✓✓ <b>OKANYE</b> Ebusweni akanazo iindlebe, iinwele nempumlo. ✓✓ <b>OKANYE</b> Isiqu sakhe asibonisi ukuba uwela kwesiphi isini. ✓✓	Nika amanqaku amabini kwimpendulo nganye	2
2.2.5	Kusetyenziswe oonobumba abakhulu ukubonisa ukuba uve kabuhlungu/ ukhathazekile yindlela axhatshazwa ngayo. ✓✓ <b>OKANYE</b> limpawu zesikhuzo zibonisa ukuba ugxininisa indlela aziva ngayo ngenxa yokuxhatshazwa ngabantu kumaqonga onxibelelwano. ✓✓	Nika amanqaku amabini kwimpendulo.	2

Inani	Impendulo elindelekileyo	Ingcaciso	Amanqaku
2.2.6	<p>Qiqqa ucingisise phambi kokuba ubhale kumaqonga onxibelelwano. ✓</p> <p><b>OKANYE</b></p> <p>Musa ukubhala izinto eziza kukhathaza abanye abantu. ✓</p>	Nika inqaku libe linye kwimpendulo.	1
2.2.7	<p>Makungaxhatshazwa abanye abantu kumaqonga onxibelelwano. ✓</p>	Yamkela impendulo echanekileyo.	1
2.2.8	<p>Ewe kuba bobabini baveza iimvakalelo zabo zokuxhatshazwa kumaqonga onxibelelwano de lo ukwisakhelo sesi – 3 uvale ikhompuyutha. ✓</p> <p><b>OKANYE</b></p> <p>Iqam libhalwe languzikizeki elibonisa umsindo anawo / oonobumba abakhulu basetyenziswe ukugxininisa imvakalelo yakhe. / Uphawu lwesikhuzo ugxininisa imvakalelo yakhe.</p> <p><b>OKANYE</b></p> <p>Ewe kuba nentetho yalo ukwisakhelo sesi – 2 ingqina ukuba akangeni ndawo.</p>	Nika inqaku libe linye kwimpendulo.	1

Umbuzo 3: ISISHWANKATHELO

**AMANQAKU ACETYISIWEYO:** Nokuba sesiphi isi -7 kulamanqaku alandelayo:

1.	Thengisa enye yeemoto zakho xa unezimbini nangaphezulu. ✓	<p><b>UMXHOLO:</b> 1 inqaku ngempendulo esondele kule oyinikiweyo = 7 amanqaku</p> <p>Ungathabathi amanqaku omfundi ngopelo olugwenxa kunye nolwimi olunempazamo ezingatshintshi intsingiselo.</p> <p><b>ULWIMI:</b> <i>Ukubalekana nokuthabatha amanqaku omfundi amanqaku olwimi, yaba amanqaku olwimi ngalendlela eboniswe ngezantsi.</i></p> <p>1-3 amanqaku achanekileyo = + 1 amanqaku. 4-5 amanqaku achanekileyo = + 2 amanqaku. 6-7 amanqaku achanekileyo = + 3 amanqaku.</p> <p><i>Ungathabathi amanqaku ngefomathi ebhalwe gwenxa okanye xa kuchaphulwe ngqo kwitekisi OKANYE igama elisalele xa kubalwa.</i> <i>Phawula amanqaku ngendlela efunwayo ungakuhoyi okufunwayo.</i></p> <p><i>Ungathabathi amanqaku ngocwangciso olugwenxa.</i> <i>Phawula ucwangciso nokuba kubhalwe lona OKANYE akagqibanga kubhala umfundi.</i></p>	<b>10</b>
2.	Cima okwexeshana isathelayithi namanye amajelo kumabonakude. ✓		
3.	Sebenzisa amajelo angabizi kakhulu afana neencwadi oziboleke kwithala leencwadi. ✓		
4.	Cutha iitshaneli ezikumajelo kamabonakude. ✓		
5.	Thetha nosapho lwakho malunga nokusebenzisa amanzi nombane nezinye izinto. ✓		
6.	Cwangcisa izinto oza kuzipheka uze upheke ukutya okuninzi. ✓		
7.	Pheka ekhaya kunokuba utye evenkileni. ✓		
8.	Cwangcisa uluhlu lwezinto ozidingayo oza kuzithenga evenkileni. ✓		
9.	Thenga iziqhamo nemifuno ekuhlaleni njengoko zingabizi mali ininzi. ✓		
10.	Musa ukuthenga ukutya okungenamsoco. ✓		
11.	Thenga iimpahla ozifunayo zodwa ungathengi kuba ufuna ukuba sefashonini. ✓		

Umbuzo 4: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Inombolo	Ipendulo elindelekileyo		
4.1	C	utatomkhulu	✓
4.2	B	Isivakalisi esilula	✓
4.3	B	Uqeqeshiwe	✓
4.4	A	UThemba uphethe impahla ezininzi esandleni	✓
4.5	A	Umntu wayenyanzelwa	✓
4.6	B	Xa	✓
4.7	B	wam	✓
4.8	C	kowayo – sibonisa indawo	✓
4.9	D	Isixando sokwenzela	✓
4.10	D	Umhlambi weempahla zethu uthi intlawulo incinci kakhulu mayinyuswe.	✓
4.11	B	Ixesha lokukhanya	✓
4.12	D	Nkosazana	✓
4.13	A	Lubonisa uyabuza	✓
4.14	C	Isimelabizo soqobo sokugxininisa	✓
4.15	A	Umntwana onemfundo unento yonke	✓
4.16	D	Ixesha langoku	✓
4.17	A	Umama utha xa ndinemfundo ndifumane indoda yokwenene.	✓
4.18	A	Abantu abaninzi baye balibaziseke lulonwabo abadibana nalo.	✓
4.19	B	Ukulumkisa abantu ngokubaluleka kwemfundo	✓
4.20	A	inginginya	✓